Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

MEYI 2022

Bulletin

#overstrand4all *Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni* #C4ourself

IHERMANUS YENZA UQHANKQALAZO MALUNGA NOBUNDLOBONGELA OBUJOLISE KWISINI

USodolophu wesiGqeba waseHermanus, uGqr. Annelie Rabie, kunye noogxa bakhe abakwangooceba, behlangene noSomlomo wePalamente yeNtshona Koloni, uMasizole Mnqasela, kuqhankqalazo lwabo lwetyeli lesithathu malunga nobundlobongela obujolise kwisini (GBV) eHermanus ngenjongo yokufuna ubulungisa egameni likaSisipiho Mayile.

USisipho, umfundi weBanga le12 nofunda kwisiKolo iQhayiya Secondary eZwelihle, waduka ngomhla we16 kuJanuwari , waze umzimba wakhe wafunyanwa ematyholweni kufuphi nebhulorho eyaziwa njengeCamphill Bridge eHermanus ngowama- 25 kuJanyuwari.

"Ndenza ikhwelo kuluntu jikelele ephondweni lume yaye luthethe ekulweni zonke iindidi zeGBV nobundlobongela ibasemakhaya. Ukuba sithule sathi cwaka, le mfazwe iya kuqhubekeka njengoko begxugxiswa kukukhula komthetho wokuvalwa ngci kwayo yonke into nokusetyenziswa kakubi kotywala, nto ezo ezandisa le ntlekele," utshilo uSomlomo uMnqasela.

Olu qhankqalazo belukwajolise ekuthumeleni umyalezo othe gca nocacileyo kwiSebe lamaPolisa (SAPS) bongezelele ngokukodwa amalinge abo okulwa nokuphanda namatyala anxulumene nobundlobongela obujolise kwisini e-Overstrand.

USodolophu uRabie uthe akusayi kuba yimfuneko ukuba nabani na angenelele olu qhankqalazo lunjengolu ukukhuthaza ukuba abakwaSAPS benze umsebenzi wabo.

Uye wacela ingxelo yenkqubela phambili ephathelele ekwazini ukuba kukho bani na useluvalelweni ngesi senzo sokubulawa kukaSisipho. "Ingaba ibiyinxelenye yolwaphulomthetho olulungiselelweyo okanye ibiyinto nje yomntu ongcolileyo? Sichazeleni khon'ukuze sazi ukuba sijongene nantoni na"

"Ukuthembana yeyona nto neyona ndlela inye ukubheka phambili malunga nalo mba, ngaphandleni koku sidala intlaba-zahlakane phakathi kwethu kwakunye namaqela ngamaqela zinto ezo ezangancediyo ekukhuthazeni amalungelo amakhosikazi ekuzithatheleni ngokunokwabo izigqibo ezizizo nezifanelekileyo kwimo enokhuselo nekhuselekileyo " uvalelise watsho uSodolpphu.

URABIE UNYANISEKILE NGELIZWI LAKHE:

FIRST THURSDAY EVENTS ROLLED OUT TO KLEINMOND & GANSBAAI

Ngenyanga kaFebruwari kulo nyaka, uSodolophu uqalise ngento athi ukuyibiza iZiganeko zoLwezine bokuQala ***nalapho abahlali banokudibana ubuso ngobuso naye, amalungu eKomiti kaSodolophu, uMphathi kaMasipala kunye namagosa amakhulu kamasipala.***

Injongo malunaga nezi ziganeko kukubonelela abahlali ngeqonga apho banokuphakamisa iinkxalabo zabo okanye bacebise ngeendlela iimingeni abayifumanayo abantu base-Overstrand neendlela enokusonjululwa ngayo ngendlela eyiyo nezinzileyo.

Iziganeko ezibini zokuqala (ngoFebruwari nangoMatshi) bezibanjelwe eHermanus kodwa, ngokokuthembisa kukaRabie, oku kuza kwenziwa nakwezinye iidolophu ukususela ngo-Epreli.

Ezalisekisa ilizwi nesithembiso sakhe, iSiganeko sesithathu solwesiNe wokuQala besibanjelwe eKleinmond ngomhla wesi- 7 ku-Epreli yaye esilandelayp sibekelwe ulwesiNe, ngomhla wesi-5 kuMeyi eGansbaai.

USodolophu wavuya kakhulu linani labantu abangabahlali baseKleinmond ababeze kule ntlanganiso beneminqweno emihle yaye beqinisekisa aabo babesenza izicwangciso ukuba baza kuza kwezi ndibano kwixa elizayo yaye iindibano azizi kuthatha xesha lide khon' ukuze abantu abaninzi bakwazi ukuza kuzo.

Akukho mfuneko yokwenza idinga lokuhlangana njengoko iiseshoni silungiselelwe abo baye bafika kuqala ibe ngabo ababonelelwayo.

Soloko ubeke iliso ngeenkcukacha ngokwamaphephandaba malunga nesiganeko solwesiNe wokuQala sase- Gansbaai.

UKUHLAZIYA: IPHULO LEZINDLU ZASESCHULPHOEK

USodolophu wesiGqeba wase-Overstrand uGq.u-Annelie Rabie, uSekela Sodolophu uLindile Ntsabo (usihlalo okhoyo ngoku kwisiVumelwano sezeNtlalo saseSchulphoek (Schulphoek Social Compact), uMphathi kaMasipala uDean O'Neill kwakunye noMlawuli weeNkozo zezoLuntu uRoderick Williams uhlagene namagosa asuka kwiSebe leCandelo leeNkonzo zokuHlaliswa koluntu (Department of Human Settlements (iDoHS) ojongene nePhulo lezeZindlu zaseSchulphoek Housing ekuqaleni kuka-Epreli.

Inkokheli yesebe lecandelo yephulo leDoHS kunye nomcwangcisi omkhulu wedolophu nengingqi uLlani Nel, kwakunye nenkokheli yephulo lezobugcisa (technical project leader) naye wayekho.

Ngethuba ekwakubanjwe intlanganiso, uSodolophu ucele Ingcaciso malunga nokuba libhodi ezichaza ngeli phulo kwakunye nokubiyelwa kwesiza kuya kwenziwa nini. IDoHS Ithe baya kuba nakho ukubonelela ngempendulo kule miba emva kokuba benothethwano langaphakathi kunye neNtloko eBambeleyo yeSebe kunye neGosa eliyiNtloko lezeZimali (CFO.)

Emva kokuba uSodolophu egxininisile ukuba le miba nezi zinto ngenene bezimele ukuba zazimiliselwe kwangoOktobha wonyaka ka- 2021, kwavunyelwana ukuba impendulo inikwe ngokukhawuleza nongxamiseko olukhulu.

Kwaye kwagqitywa nasekubeni isicwangciso sephulo izinto ekujoliswe kuzo kwakunye namaxesha ekulindeleke ukuba zigqitywe ngawo, konke oku kuya kwaziswa kuSodolophu noMphathi kaMasipala yaye onke amagosa kamasipala akhoyo kulo ntlanganiso aya kuthunyelelwa yonke Imbalelwano enxulumene noku ukubheka phambili.

Ukuvalelisa , uSodolphu uyiphidile into yokubaluleka kweli phulo, ingakumbi ngokuphathelele kuzinzo loluntu eHermanus, wayigxininisa nento yokuba amalinge amalinge ahlangeneyo khon'ukuze le nto, eli linge libe yimpumelelo.

UHLALO LWABIWO-MALI OLUYILWAYO WAMA-2022/2: UHLAZIYO OLUNOKWENZIWA KWINTLAWULO YOMBANE EPHAKANYISWAYO

Emva kokuba kuthiwe thaca etafileni uhlahlo lwabiwo-mali oluyilwayo lonyaka wmam-2022/23 ngowama- 30 kuMatshi ka2022, iBhunga linqwenela ukwazisa bonke abanomdla namaqela achatshazelwayo abakwaNERSA okulandelayo ibe kukuphakamisa ukunyuswa kwentlawulo engumndilili (ekumgangatho ophakathi) esi-7,47% kwintlawulo esisambuku ebizwa ngumasipala xa kuthelekiswa neli- 10,33% ephakanyiswa ngabakwa-Eskom.

Esi siphakamiso sithetha ukuthi uMasipala wase-Overstrand kuya kufuneka aphinde aphonononge isiphakamiso sakhe sentlawulo yombane nje ukuba intlawulo eyongezezekileyo yepesente kuthe kwagqitywa ngayo.yafinyezwa.

Ngethemba, lo mba uya kusonjululwa ngexesha khon'ukuze luthiwe thaca uhlahlo lwabiwo-mali ekugqitywe kulo lowama-2022/23 ngomhla wama-31 kuMeyi wama-2022.

KUTHENI IIMFENE ZIFAKWA IKHOLA/ITYATHANGA LOMZILA

Abahlali abaxhalabileyo ePringle Bay bafuna ukuqonda ngekhola entsha eyaziwa ngelasemzini njenge-"new" collar nennxityiswe enye yeemfene eyimazi kwiqela lazo (iPBF1) baze bamangaliswa kukuba kunganina limfene zifakwe Ikhola.

IPBF1 iqhotyoshwe nekhola yomzila (tracking collar) ngoDisemba ka-2019 yaze Ikhola yakhe yabuyiselwa ngenye entsha ngoFebruwari ka2022.

Iikhola zenza ukuba ulawulo lweqela lukwazi ukwenzeka khon'ukuze iqela laziwe apho likhoyo. Oku kwenza ukuba umboneleli ngeenkonzo enze amanyathelo nezicwangciso zokunqanda iqela ekungeneni enyeleni yedolophu ngokweNkqubo yesiCwangciso- qhinga soLawulo lweeMfena sikaMasipala wase-Overstrand.

Ezi khola ezisetyenziswa e-Overstrand zihambelana nemigangatho yezehlabathi ehamba phambili yokusebenza ethi ikhola mayibe nobunzima obungaphantsi kwe-5% bobunzima bomzimba wesilwanyana..: Le khola yePBF1' ubunzima bayo bulingana nesi-2% sobunzima bomzimba. wayo.

Iimfene zase-Overstrand zifakwe likhola ezaziwa njenge GPS ezingenazibane zidanyazayo.

Ukuqeqesshwa kweemfene.

Abahlali kwakhona, baqaphele ukuba Imfene efakwe Ikhola Ijongwe/Ihoywe zezinye iimfene ezininzi nto leyo ethe yabamangalisa.

Njengoko kutshiwo ngaphambili iPBF1 yimazi eyaziwa ngelasemzini njenge-Alpha female yeqela lasePringle Bay yaye yiyo loo nto Iqeqeshwa nehoywe zezinye limfene. Njengemfene eyaziwa njengemazi i-Alpha, Iwonga layo ngokwamagunya lubangela ukuba izuze Iwonga lokusoloko Ihoyiwe kujongwe kuyo zezinye limfene.

Kwenzeke ntoni kwezinye limfene?

Enye Imazi enekhola yeqela lasePringle Bay (iPBF2) ifile ngenya yobudala. Eyaziwa njengePBF3 yabulawa lihlosi kwiintaba ezingqongileyo, yaze enye Imazi eyayingaphawulwanga/nengathiywanga gama yoselwa kukonzakala ngokuhlaselwa yinja xa yalahlekela edolophini.

THATHA INGQALELO

Inkunkuma e-Overstrand iqokelelwa rhoqo ngeveki ngexesha elimisiweyo

EHERMANUS

• NGOMVULO: Vermont, Fisherhaven, Voëlklip • NGLWESIBINI: Onrus, Chanteclair, Berghof, Sandbaai, Hemel-en-Aarde • NGLWESITHATHU: Zwelihle, Mount Pleasant • NGLWESINE: Westcliff, Northcliff, CBD, Hermanus industrial • NGLWESIHLANU: Hawston, Eastcliff, Hermanus Heights, Kwaaiwater, Fernkloof

EHANGKLIP-KLEINMOND

• NGOMVULO: Rooi-Els, Kleinmond avenues, Klein Berlyn, Heuningkloof • NGLWESIBINI: Proteadorp, Overhills, Mountain View, Extension 6, Palmiet, Sunny Seas, Jock's Bay • NGOLWESITHATHU: Betty's Bay, Mooiuitsig • NGOLWESINE: Pringle Bay • NGOLWESIHLANU: Iindawo ezinamashinini

EGANSBAAI

• NGOMVULO: Pearly Beach • NGOLWESIBINI: De Kelders, Masakhane, Beverly Hills • NGOLWESITHATHU: Franskraal, Isiqephu seGansbaai Industria neMasakhane • NGOLWESINE: Kleinbaai, Baardskeerdersbos nesiqephu seGansbaai CBD • NGOLWESIHLANU: Gansbaai, Perlemoen Bay, Blompark, Masakhane, Beverly Hills

ESTANFORD

• NGOLWESIBINI: emantla eDe Bruyn Street
• NGLWESINE: emazantsi De Bruyn Street

Ukuba kuyimfuneko, Inkunkuma yendlu notyani begadi konke oko bunokusiwa kuyo nayiphina Indawo kamasipala elungiselelwe ukulahlela Inkunkuma nangaluphi na usuku evekini.

UKUFUMNA ISIQINISEKISO SOKUSUSWA KWEENTLAWULO ZOBUHLALI

Xa uthengisa ipropati yakho, isiqinisekiso sokususwa kweentlawulo zobuhlali lelinye lamaxwebhu afunwayo liqgwetha lokunikeza (conveyancing attorney) xa kungeniswa amaxwebhu okunikeza kwi-ofisi yobhaliso lweetayitile.

Izicelo zokufumana iziqinisekiso zokususwa kweentlawulo zobuhlali zenziwa/zijongene negqwetha lokunikeza, hayi umthengisi.

UMasipala wase-Overstrand wenza iziqinisekiso zokususwa kweentlawulo zobuhlali ezingaphaya kwama-R350 ngenyanga nganye, Kunokuthatha de kube zintsuku ezili-10 ukususela mhla kwafunyanwa Isicelo ukuya ekukhutshweni kwengxelo echaza amanani aseleyo. Ukuba iimali eziseleyo zihlawulwe ngokukhawuleza isiqinisekiso sokususwa kwentlawulo zobuhlali zinokukhutshwa phakathi kweentsuku ezilishumi ukususela ngosuku lwentlawulo.

Inkqubo yokususwa kwentlawulo yobuhlali:

Umthengisi nguye onoxanduva lokuqinisekisa ukuba yonke Intlawulo esaseleyo netyalwa umasipala lyahlawulwa. UMasipala wase-Overstrand uya kusinikeza kuuphela Isiqinisekiso sokususwa kweentlawulo zobuhlali nje ukuba afumane Isicelo esigqityiweyo esibhalwe kwifomu emiselweyo, lhamba nawo onke amaxwebhu afunekayo, asuka kwigqwetha lokunikeza

Izicelo zeziqinisekiso zokususwa kweentlawulo zobuhlali ezilungiselelwe lipropathi ezingaphuculwanga, iziza (vacant erven) kufuneka kuqala zihlolwe liSebe leziMililo phambi kokuba Igqwetha lokunikeza laziswe ngentlawulo esaseleyo. Xa sithe Isiza sachzwa njengesinokubangela umlilo kuya kongezwa Imali eyidiphozithi yokucoca isiza iya kongezelelwa, ngaphandle kokuba Isza eso sicociwe, siphinde sahlolwa yaye saziswa njengesiza esingenakubangela umlilo, oko kutshiwo liSebe loCimomlilo. Kungoku nje ixabiso lokuhlola lixabisa ama- R233 Iona ixabiso lolawulo lokucoca liya liye kutsho kwi- R1 345.73 idibene neRhafu-ntengo (VAT included). Ngokucacileyo, Imali-ntlawulo yokucoca Isiza Iya kuba luxanduva/Iya kuhlawulwa ngumthengisi.

Indleko yezicelo zokufakelwa umbane kusetyenziswa ukususwa kweentlawulo okanye i-L@W (via Ratesclearance.com or L@W) ixabisa.R186. Qinisekisa ukuba Igqwetha lakho liyaphumela kobu buchwephesha bezombaneto njengoko kutshiphu kakhulu ukusebenzisa obu buchwephesha bezombane. Ukwenza Izicelo ngezandla usebenzisa I-Imeyle kubiza ama- Manual ama- R588. Ezi mali zibandakanaya iVAT yaye ziya kusebenza de kuphele unyaka-mali oko kukuthi de kube ngama- 30 kuJuni ka-2022 (i.e. 30 June 2022

Ngethuba kuthengiswa nayiphina Ipropathi kummandla wolawulo lwse- Overstrand, umasipala uya kukulibalibazisa ukunikezwa kwepropathi ngokusilela ekunikezeni Isiqinisekiso sokususwa kwentlawulo zobuhlali the municipality will delay the de kube lithuba apho zonke Iintlawulo, linkonzo kunye nokunye namanye amaxabiso oqikelelo ahlawulwayo epropathi ngokwethuba lokusebenza kwesatifikethi athe ahlawulwa ngokuzeleyo.

Ithuba lokuba semthethweni lesiqinisekiso sokususwa kweentlawulo zobuhlali ziintsuku ezingama- 60, yaye Imali elindelekileyo Iya kubandaknya linyanga ezintathu nehlawulwa phambi kokuqaliswa ukusebenza kunye nayo yonke Imali esaseleyo yepropathi.

Yakube ifumanekile ifomu egqityiweyo ukufilishwa yokususwa kweentlawulo zobuhlali umasipala uneentsuku ezili- 10 (ishumi zokuhlawula imali efunekayo) kwakhona kongezelelwe ezinye iintsuku ezili-10 (ishumi) zokuphangela zokukhupha nokubonisa Isiqinisekiso sokususwa kwentlawulo zobuhlali nje ukuba Isiqinisekiso sokuhlawula senziwe.

Xa athe lowo utyalayo wenza imvumelwano nomasipala malunga namatyala awatyaalyo, asemva ngawo, ngokuphathelele kwipropathi Isiqinisekiso ekubhekiswe kuso ngokwe-Candelo lama-118, ngokoMthetho owaziwa njengeasisayi kukhutshwa de kube lelo xesha kuhlawulwe yonke Imali etyalwayo.

Abathengisi nabo bayakhunjuzwa ukuba baqinisekise iifomu zokuncothula (disconnection forms) sigqityezelwe apho lipropathi zifakelwe iimitha zamanzi okanye/zombane ukuze ezi zinto zikwazi ukudluliswa kumnini ongumthengi omtsha.

Ngokunjalo, abathengi beepropathi ezifakelwe limitha zamanzi kunye zombane bayakhunjulwa ukuba bagqibezele lifomu zokudibanisa (connection forms). Ezi fomu ziyafumaneka kwiwebhusayithi yethu eyile: www.overstrand.gov.za, cofa kumbhalo othi Documents, uze ucofe kothi ucofe kothi Revenue Application Forms.

Ukuba unemibuzo,fonela umasipala kule nombolo phone ethi: 028 313 8000 ufune I-Ofisi yeeNtlawulo zobuhlali neyoLawulo lweData (Rates and Data Control Office). Okanye, thumela i-imeyile kule ndawo: enquiries@overstrand.gov.za.

ISILUMKISO SIBONZAKALISE KAKHULU ABALOBI ABANGEKHO MTHETHWENI

Kutshanje, izixhobo zokuloba nezikhephe ezincinci zerabha zonke ezixabisa malunga nesiqingatha sesigidi seeRandi ziye zasathinjwa kwiphulo ebeliqhutywa ngokudibeneyo liqela le-K9 loMasipala waseOverstrand, neleCapeNature kunye neSebe lama Hlathi, eleNtlanzi nokusiNgqongileyo - zonke zithi enkosi ngesi silumkiso.

Abaqubhi abahlanu abafunyenwe benentlanzi engonoonokrwece nabo bafakwe eluvalelweni ngamaPolisaase-Bredasdorp